



Isalathiso: 20200313-5685
Inombolo yefayili: 9/2/1/2
Imibuzo: S Howes

INGcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa aMaziko ngeZibonelelo: 0002/2020

Iya: KumaGosa eZithili, kwiiNtloko zamaCandelo eZifundo, kwiiNqununu nakumaLungu amaBhunga oLawulo nakootitshala

Isihloko: Kucelwa izikolo ukuba zenze isicelo sokufumana amacwecwe ezikhumbuzo zemveli ii-blue heritage plaques ngo-2020

1. Ingcaciso ngokubanzi ngeprojekthi yezikolo i-Blue Plaque Schools Project ka-2020

1.1 IProjekthi i-Blue Plaque Schools Project yaqaliswa yi-Centre for Conservation Education ne-Simon van der Stel Foundation ngo-2015. Ukususela ngoko, ziyi-21 izikolo eKapa ezifumene amacwecwe i-blue heritage plaques.

1.2 Izikolo ezininzi zinembali ende nemvelaphi elilifa lethu eliqhayiya yokuzisa imfundo kwiindawo zasekuhlaleni zazo. Ezinye zezi zikolo zizikolo ezinendumasi, nezaye zathi ngokugqwesa kwazo zasemehlweni abantu ngeendlela ezahlukeneyo. Nakuba kunjalo, nangoku ezinye izikolo ezininzi zisasele zingekafumani kuqwalaselwa yaye zisesethinzini ngenxa yembali yokungalingani kweentlanga yexesha elidlulileyo yelizwe lethu. Oku kuyinyaniso ngakumbi kwizikolo zecawa ezininzi ezathi zaphuhla zade zangamaziko agqwesileyo kwiindawo zasekuhlaleni zabahlwempuzekileyo. ISebe leMfundo leNtshona Koloni likholelwa ekubeni ekubeni isikolo ngasinye sibaluleke gqitha yaye zonke izikolo mazinikwe ingqwalaselo ngegalelo lazo ezilenzileyo.

1.3 Ngo-2019 ezi zikolo zilandelayo zawongwa ngee-blue plaques:

- I-Muhammedeya Primary (ngegalelo layo elenziwe ngutitshala wexesha elidlulileyo uMuhammed Salie Berdien)
- I-West End Primary (ngenkonzoyayo egqwesileyo kubahlali)

1.4 Amacwecwe ezikhumbuzo ii-blue plaques angumqondiso (symbol) owaziwayo ngamazwe ngamazwe wezakhiwo kunye neendawo ezibaluleke gqitha kwimbali nakwimvelaphi elilifa lethu kwindawo yasekuhlaleni. Umbutho onika inkxaso i-The Heritage Association of South Africa owawuyi-Simon van der Stel Foundation

ngaphambili (eya kwaziwa emva koku njenge-"HASA" uqhube iProjekthi ye-Blue Plaque kwithuba leminyaka eyi-50 edlulileyo .

- 1.5 Le projekthi ithetha ukuba izakhiwo zembali ezibangela umdla nezinexabiso gqitha kunye namaziko afumaneka anikwa ingqwalaselo nokuxabiseka ngokuwongwa ngecwecwe lesikhumbuzo eliyi-blue plaque. Ukufumana enye ingcaciso nokubona imifanekiso yamacwecwe ezikhumbuzo ii-blue plaques ekuwongwe izikolo ngazo, yiya apha: www.simonvdstel.org. okanye www.heritagesa.org
- 1.6 Izikolo bezisoloko ubukhulu becala zingathathelwa ngqalelo yaye zingamelwa ngokwaneleyo malunga nokuba ziwongwe ngamacwecwe ezikhumbuzo azii-blue plaques., I-Centre for Conservation Education (eya kwaziwa emva koku njenge-"Centre" ne-HASA), inqwenela ukwazisa izikolo ngale projekthi yaye ikhuthaza ezo zikolo zicinga ukuba zikufanele ukuzuza icwecwe lesikhumbuzo, zenze isicelo soko ngokuqwalasela ngocoselelo iindidi ezidweliswe kumhlathi 4.
- 1.7 Kude kube ngoku, amacwecwe ii-blue plaques ebenganikwa izikolo ezingaphandle kweengingqi zeedolophu (*metropolitan areas*) zaseKapa. Oku kuye kwatshintsha nakuba kunjalo, yakuba i-HASA inika inkxaso yayo kule projekthi. Kuye kwafunwa inkxaso yemibutho yemveli yengingqi yaye eminye kuyo iye yazibophelela ekuxhaseni ngokunikizela ngamacwecwe ii-blue plaques ezikolo ezingenako ukuzihlawulela ngokwazo amacwecwe:
 - a) Kwingingqi yaseKapa: i-Simon van der Stel Heritage Foundation (icwecwe elinye/ngonyaka)
 - b) Kwingingqi yasePaarl: i-Drakenstein Heritage Foundation (icwecwe elinye/ngonyaka)
 - c) Kwingingqi yaseStellenbosch: i-Stellenbosch Heritage Foundation (icwecwe elinye/ngonyaka)
 - d) Izikolo kwezinye iingingqi zisenokufaka izicelo kodwa mazizilungiselele ukuzihlawulela amacwecwe azo ngokwazo.
- 1.8 Le projekthi ke ngoku ivuleleke kuzo zonke izikolo eNtshona Koloni. Nakuba kunjalo amanani aqingqiwe ngenxa yomsebenzi wokusingathwa kwale projekthi.

2. Okuyinzuzo kwizikolo

- 2.1 Ukufunyanwa kwecwecwe lesikhumbuzo i-blue plaque zizikolo kunezi nzuzo zilandelayo:
 - a) Amacwecwe ezikhumbuzo aziwa kumazwe ngamazwe njengemiqondiso yemo yesakhiwo okanye yeziko elibonisa imvelaphi nenkcubeko elilifa lethu.
 - b) Amacwecwe ezikhumbuzo anendumasi yaye kuya kukhutshwa inani eliqingqiweyo kunyaka ngamnye, kuxhomekeke kwimithombo yezemali efumanekayo nakulawulo lweprojekthi.

- c) Amacwecwe ezikhumbuzo ancanyathiselwa ngaphambili kwisakhiwo sesikolo njengophawu lwezembali olusisigxina ukukhumbula unxibelelwano olukhoyo phakathi kwesikolo nomsebenzi owenziwayo, isiganeko okanye umntu. Amacwecwe esikhumbuzo abekwa kwindawo esemboniselweni kakhulu ukwenzela ukuba abafundi, abazali kunye neendwendwe zibe nako ukuwabona.
- d) Ngokuwongwa ngecwecwe lesikhumbuzo, isikolo sifumana ukuqatshelwa ngegalelo eliyimbali esilenzileyo kwimfundo kubahlali abayinxalenye yaso nakwimfundo ngokubanzi.
- e) Amacwecwe ezikhumbuzo ayintsusa yokuziqhenya koluntu kunye nempumelelo.
- f) Amacwecwe ezikhumbuzo ayilwe ngokufanelekileyo yaye enziwa ngezinto (*materials*) ezomelele gqitha.
- g) Zizikolo ezithatha isigqibo ngolwimi nangamazwi aya kuba kwicwecwe lesikhumbuzo lona ngokwalo oko kuhamba negalelo kunye nemvume esuka kwiphaneli etyunjwe yi-HASA kunye/okanye imibutho eyinxalenye yayo.
- h) Izikolo ezifumana amacwecwe ezikhumbuzo ziya kudweliswa kwiziko lewebhu le-HASA nakumaziko ewebhu emibutho yemveli yengingqi.

2.2 Inkqubo yokwenza isicelo yasoloko iyinto elula gqitha ukwenzela ukuba izikolo zingachithi xesha ngokungeyomfuneko, ngokwenza iziphakamiso ezide nezineenkukacha ezininzi.

3. Indlela esebenza ngayo iprojekthi i-Blue Plaque Schools Project

- 3.1 Kuxabisa kakhulu ukwenza amacwecwe esikhumbuzo. Ngo-2020 i-HASA ngokusebenzisa imibutho yenkxaso-mali eyinxalenye yayo (imibutho edweliswe kumhlathi 1.7), iya kuwonga izikolo ezithathu ezikufaneleyo oko ngamabhaso **amacwecwe esikhumbuzo i-blue plaques ngaphakathi** kwingingqi leyo iphantsi kwale mibutho yenkxaso yaye oko kusenziwa **simahla kwizikolo ezo ngaphandle kokuzithathela nokuzixhomela ngokwazo icwecwe elo**. Izikolo ezinombono yokuba ziyazifezekisa ezi khayitheriya ziyacelwa zenze isicelo.
- 3.2 Nakuba kunjalo, izikolo ezikwisimo sokuba zingazihlawulela icwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque* ngokwazo ziyacelwa kwakhona ukuba zenze isicelo soko. Zizikolo ezihlanu ezinokunikwa ingqwalaselo phantsi kolu didi lunokukhethwa.
- 3.3 Iindleko zecwecwe lesikhumbuzo i-*blue plaque*, kungabandakanywanga ukufakwa kwalo, zinokwahluka yaye zinokuxabisa phakathi kwe-R1 800,00 ne-R3 000,00 ngokuxhomekeke ekubeni umbutho wenkxaso-mali (makujongwe umhlathi 1.7) usebenzisa owuphi na umthengisi nemathiriyeli esetyenziswayo kulo. Izikolo ezinezicelo ezibe yimpumelelo, ziya kuzihlawulela iindleko zona ngokwazo zize zinikwe i-invoysi yeendleko eziyi-100% yeendleko phambi kokuba kube noku-odolwa icwecwe lesikhumbuzo.

- 3.4 Isicelo ngasinye siya kuqwalaselwa ngokwemeko yaso yiphaneli yabagwebi emele i-HASA kunye nemibutho yenkxaso yemveli eyahlukahlukeneyo neZiko. Izikolo kufuneka zifezekise **ibenye kwiikhrayitheriya ezintandathu** ezidweliswe kumhlathi 4. Izikolo mazinike izizathu ezivokothekileyo zesicelo sazo, (zidwelise oovimba/amaxwebhu ezinawo ukwenzela ukuba ingqinisiswe ingcaciso); mazizibhengeze njengezizimiseleyo ukubonisa icwecwe lesikhumbuzo *i-blue plaque* kumphambili wesakhiwo sazo; yaye zingenise isicelo zazo ungadlulanga umhla osikiweyo. Apha kuqhotyoshelwe ifom yokwenza isicelo (isiHlomelo A). **Ziyakhunjuzwa izikolo ukufaka isicelo akukuniki ngqiniseko yakuphumelela kwesicelo ngokuzenzekelayo.**
- 3.5 Izikolo ziya kwaziswa nge-imeyili nangefoni ukuba ngaba ziliniwe na okanye hayi icwecwe lesikhumbuzo. Oku kuxhomekeke ngokupheleleyo kwingqiqo yephaneli. Izikolo ezizifezekisayo iikhrayitheriya kodwa ezingenako ukuwongwa ngenxa yenani elikhulu lezicelo, ziya kucelwa ukuba ziphinde zizifake kwakhona izicelo kunyaka olandelayo.
- 3.6 Izikolo ezifumana amacwecwe *ii-blue plaques* zimele ukwazisa **abafundi, abazali amabhunga olawulo nabahlali besikolo** ngoku kuqatshelwa kwegalelo lazo. Abafundi ngokukodwa, bamele ukuyazi intsingiselo nexabiso leli cwecwe.
- 3.7 Izikolo ezifumana amacwecwe esikhumbuzo *ii-blue plaques* kufuneka zona ubuqu **ziququzelele umsitho osesikweni wokunikezelwa nokutyhilwa** kwamacwecwe esikhumbuzo ngomhla nangexsha elifanele isikolo kunye nabaququzeleli bomsitho lowo. Oko kunokwenzeka **kwakulo nyaka wokufunda ufanayo nalowo wokuwongwa kwaso yaye kukhethwa ukuba abafundi bathathe inxaxheba**. Ummeli osuka kwi-HASA, kumbutho wenkxaso-mali ochaphazelekayo okanye kwiZiko uya kubakho ukuba umenyiwe. Icwecwe lesikhumbuzo *i-blue plaque* limele ukuncanyathiselwa eludongeni kwiintsuku ezimbalwa phambi komsitho.

4. lindidi zamacwecwe

- 4.1 lindidi zamacwecwe esikhumbuzo zilulo hlobo lulandelayo:
- a) Iminyaka yobudala besikolo (masibe neminyaka engaphaya kweyi-125 ukuze sikufanele ukuwongwa)
 - b) Isakhiwo esibalasele gaqitha ngendlela esakhiweyo ngayo (umz. Isikolo esakhiwa ngumyili wezakhiwo obalaseleyo, isimbo sokwakhiwa kwesakhiwo, njl.)
 - c) **Inkonzo yesikolo ekhethekileyo** eyenzelwe abahlali (umz. sisikolo sokuqala sasekuhlaleni, sisikolo esizimeleyo esisesona sidala, igalelo kwimfundo eneemfuno ezizodwa nasekuphuculeni umgangatho wabahlali njl.)
 - d) Ukuphumelela kwesikolo ngokuthubeleza phantsi kweemeko ezinzima (umz. ngethuba leMfazwe yaseMfazwe, ngethuba lemithetho yocalu-calulo yokufuduswa kwabantu ngenkani, ngendima yaso kwidabi lokulwela inkqubo yedemokhrasi, ngethuba lokwehla kwentlekele yezendalo, njl. njl.)

- e) Umfundi okanye utitshala wexesha elidlulileyo obalaseleyo (makaxelwe ngegama yaye oswelekileyo mayibe yiminyaka eyi-20 ubuncinane sele walandulela eli)
- f) Izikolo ezaye zavalwa, kodwa nakuba kunjalo, zadlala indima ebaluleke gqitha kwezemfundo

4.2 Izikolo zisenokufumanisa ukuba zifaneleke kumacandelo amaninzi kodwa kufuneka zikhethe UDIDI OLUNYE oluchaza ngokugqwesileyo ezo zinto isikolo sizingca ngazo. Isikolo sinokuwongwa ngecwecwe i-blue plague ELINYE ngoko ke udidi olukhethwayo makucingisiswe ngalo ngobulumko.

5. Izicelo zika-2020

- 5.1 Umhla wokuvala ukungeniswa kwezicelo ngowe-**22 Meyi 2020**.
- 5.2 Izicelo mazenziwe kwikhompyutha ngokuthumela nge-imeyili ifom yesicelo oyinikiweyo (isiHlomelo A) nemayingeniswe apha: principal@centreforconservation.co.za
- 5.3 Izicelo eziziswe ngesandla neziposiweyo ziya kwamkelwa ngokunjalo, ukuba ziye zafunyanwa phambi komhla wokuvala. Ezi zicelo mazithunyelwe kule dilesi okanye ziziswe apha: **The Principal, Centre for Conservation Education, 9 Aliwal Road, Wynberg, 7800.**
- 6. Ukufumana ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane nenqununu yeZiko, uSigi Howes, kwifoni **021 762 1622**.
- 7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane zonke izikolo ezikwisithili sakho ukuze zikuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS

USEKELA-MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO

UMHLA: 2020-03-18

**BLUE PLAQUE SCHOOLS PROJECT
2020 APPLICATION FORM**

Please return to principal@centreforconservation.co.za

Closing date: 22 May 2020

School: _____

Address: _____

_____ Postal code: _____

Tel: (021) _____

Email: _____

We hereby wish to apply for a Blue Plaque in the following category:

(Even if more than one category applies to your school, please choose the ONE that best describes what your school is proudest of. You may mention the other category/categories in the motivation. Maximum 400 words)

1. The age of our school (over 125 years)
2. Architecturally significant building
3. School's exceptional service to the community
4. School's survival under difficult circumstances
5. A past learner or educator (mentioned by name; no longer living; 20 years deceased)
6. A school that has closed and been lost

Our motivation is presented over the page.

If we could select the final wording on the plaque, we would like it to say:

(Maximum 25 words)

Our choice of language is:

(please select a maximum of two; if you want to have the plaque in two languages, then the wording limitation of 25 words must include both languages)

English Afrikaans Xhosa Other (please specify: _____)

Should we be successful in being awarded a Blue Plaque, we commit to:

- displaying the Plaque on the front of our school, nearest the entrance;
- collecting the Plaque from a mutually agreed place;
- putting up the Plaque ourselves;
- allowing the organisers and their workers access to the school in order to affix the plaque if we are within 10 km from the Centre for Conservation Education;
- informing our learners, parents and school community about the awarding of the Plaque;
- arranging a 'handing-over' ceremony at which learners will also be present
- taking care, to the best of our abilities, that the Plaque is not damaged, vandalised or stolen.

We wish to be considered for one of the two annual free Blue Plaques donated by the heritage organisations in the following areas: Cape Town & Drakenstein

We are able to pay the full cost of the Blue Plaque (R 1 800-00 – R 3 000)

Name of contact person (please print):

Signature:

Name of principal (please print):

Signature:

Date:

Our motivation is as follows:

(Maximum 400 words. Please list the sources of this information, as it will have to be verified by the organisers. You may attach a maximum of 5 photographs if you feel they give weight to your application).